



Reference: 20240313-2444

File no.: 22/2/6/1

Ingcaciso eMfutshane yeCandelo leKharithulam yeFET: DCF 0004/2024

Iya: KumaSekela-Balawuli-Jikelele; kuBalawuli abazitloko; kuBalawuli; kwingcali zeMfundo ezizintloko; kwiintloko zokunika inkxaso kwiKharithulam; kubaphathi beeSekethe, kwintloko zoLawulo nokuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eengcali zeMfundo ezizintloko, kubaququzeleli bovavanyo neemviwo, kuBacebisi bezifundo i-Economics, i-Accounting, i-Mathematics ne-Life Orientation nakwinqununu zezikolo ezifundisa amabanga 10 ukuya ku-12

Isihloko: Ukhuphiswano lokubhala isincoko i-Western Cape Essay Writing Bursary Competition olwenzelwa abafundi bebanga 11 abenza i-Economics, i-Accounting neMathematics (ngo-2024/25)

1. I-Ofisi kaNondyabo wePhondo leNtshona Koloni (Western Cape Provincial Treasury), isebenzisana no-Nedbank kunye neSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED), icela izikolo ukuba zingenele ukhuphiswano lokubhala isincoko, olubizwa i-Western Cape Essay Writing Bursary Competition lwango-2024/25.
2. Olu khuphiswano lunika abafundi bebanga 11 eNtshona Koloni, abenza izifundo ezidibanisa i-Economics, i-Mathematics ne-Accounting, ithuba lokufumana iibhasari nezinye izipho eziyinkuthazo (incentives) zokuba baqhubele phambili ngezifundo zabo kula macandelo ezifundo eyunivesithi.
3. Iya kuba ziibhasari eziyi-12 ezona zininzi, eziya kunikwa abafundi abanenjongo yokufumana isidanga kwi-Economics (umz. B.Com (Economics)), kwi-Accounting (umz. B.Acc, B.Compt), kwi-Commerce (umz. B.Bus.Sc) okanye kwi-Mathematics kwiyunivesithi elapha eNtshona Koloni.
4. Iibhasari zezabafundi bebanga 11 abaye bagqwesa (ngo-60% awona manqaku okupasa asezantsi) ubuncinane kwezi zifundo zibini kwezi, i-Economics, i-Mathematics ne-Accounting nabakufaneleyo ukungena eyunivesithi ngo-2026. Abangenela ukhuphiswano mababe ngabemi baseMzantsi Afrika, abahlala eNtshona Koloni, abanobuchule bokuthetha nokubhala isiNgesi.
5. Injongo yolu khuphiswano lwebhasari:

- kukukhuthaza umdla kwi-Economics, kwiMathematics nakwi-Accounting namathuba amakhondo emisebenzi anokuthi abekho kula macandelo;
 - kukuphuhlisa ulwazi nezakhono kwi-Economics, kwi-Mathematics nakwi-Accounting;
 - kukuphuhlisa izakhono zokukwazi ukusombulula iingxaki nokukwazi ukucazulula idatha;
 - kukunika abafundi amathuba okufumana ulwazi ngeendlela zokwenza uphando (*research methodology*) nezakhono zokubhala izincoko;
 - kukunika abafundi amathuba okukwazi ukufikelela kwilizwe lempangelo nokukwazi ukuqhagamshelana nalo;
 - kukwenza abantu babe nolwazi ngemiba yezentlalo noqoqosho eMzantsi Afrika.
 - nokuphuhlisa iinkokeli zangomso kumacandelo ezifundo ze-Economics, zeMathematics neze-Accounting; kunye
 - nokukhuthaza nokuwonga umsebenzi ogqwesileyo.
6. Kucelwa nifunde la maxwebhu alandelayo aqhotyoshelweyo:
- IsiHlomelo A: Ingcaciso ebalulekileyo eyongezelelweyo
 - IsiHlomelo B: Isihloko sesincoko (esinikwe kuphela ngesiNgesi) nerubrikhi yokusimakisha.
 - IsiHlomelo C: Ifom yokungenela.
7. Kufuneka izikolo zikhethe abafundi abaqhuba kakuhle kwizifundo zabo ukuba bathathe inxaxheba kolu khuphiswano. Baya kucelwa ukuba babhale isincoko esinamagama amalunga nayi-2 200. Abanye abafundi bebanga 11 beklasi ye-Economics banokubhala isincoko kwangesi sihloko sinye esinamagama ayi-600 awona maninzi naya kubala njengenxalenye yeprojekthi yophando lwabo yovavanyo lwe-School-Based Assessment.
8. Ikomiti yootitshala esikolweni iya kusebenzisa irubrikhi yovavanyo enikiweyo ukukhetha abafundi ababini abagqwesileyo abayizalisekisayo eyona mfuno isezantsi imiselweyo engu-60% (isincoko neenkcazo-ntetho zomlomo (*oral presentations*) zidibene)) ukuze bakwazi ukudlulela kumjikelo olandelayo wolu khuphiswano. Izincoko neemakhishithi zabo bafundi **bagqwesileyo babini**, mazingeniswe kwi-ofisi yesithili ukwenzela uvavanyo lwesigaba 2 (kwinqanaba lesithili) ungadlulanga owe-**08 Novemba 2024**.
9. Iphaneli yovavanyo kwisithili ngasinye iya kuvavanya izincoko ezifanelekileyo ezivela kwizikolo ize ikhethe abagqwesileyo bokugqibela. Izincoko ezilishumi ezigqwesileyo kwisithili ngasinye ziya kukhethwa yile phaneli zize zithunyelwe kwinqanaba lokugqibela (inqanaba lephondo) ungadlulanga owe-**22 Novemba 2024**.
10. Ezona zincoko zigqwesileyo kwezo zelo nani lingenisweyo, ziya kukhethwa yiphaneli ekhetha abagqwesileyo bokugqibela neya kwenziwa ngabameli bakwa-Nedbank, abe-Ofisi kaNondyabo wePhondo leNtshona Koloni nabeSebe i-WCED.
11. Abagqwesileyo bokugqibela, baya kucelwa ukuba beze kukhetho lokugqibela eKapa ngoMatshi/Apreli 2025 ngoLwesihlanu emva kwemini nangentsasa yangoMgqibelo. Baya kucelwa ukuba benze inkcazo-ntetho yomlomo (*oral presentation*) ngeziphumo zophando lwabo nokuba baphendule imibuzo eya kubuzwa yiphaneli yokhetho. Ootitshala be-Economics babo bagqwesileyo bokugqibela, baya kucelwa ukuba bahambe kunye nabo.

Amalungu ephaneli yesithili semfundo aya kucelwa ukuba aye kwitheko lamabhaso ngokuhlwa kwangoMgqibelo.

12. Imibuzo malunga nokubhalwa nokumakishwa kwesincoko, mayibhekiswe ngqo kubacebisi bezifundo be-*Economics* kwizithili zemfundo.
13. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala bebanga 11 bezifundo ze-*Economics, Mathematics, Accounting, English ne-Life Orientation* ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BJ LORISTON

USEKELA MLAWULI - JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2024-04-04